Kudala-dala kwifama entle, kwakuhlala ihashe elomeleleyo nelizukileyo elibizwa ngokuba nguTsutsudupa.





Ngokwahlukileyo kumanye amahashe, uTsutsudupa wayethanda isidudu kakhulu. Kuye lonke ixesha yayilelesidudu. Kwakungathi isidudu esi sesona simnika amandla.

UTsutsudupa wayethanda ukujikeleza ifama ebona ezinye izilwanyana. Wayathanda nokubukela ilanga litshona ngongcwalazi. Wayesoloko ebonakala emangalisiwe ngumbono.





Kuzo zonke iliwanyana efama uTsutsudupa wayesoyika amagala. Kusasa phambi kokuba aphume, wayedla ngokulaqaza akhangele akweliphi icala.

Usapho lwamagala lwaluyiqonda into yokuba uTsutsudupa uyawoyika. Ayethanda ukumqhula.





Ngenye intsasa esaphuma wabona igala emngxunyeni walo. Wabhideka wazibona esengxakini

UTsutsudupa wabona umtyhi wakhawuleza wabaleka. Uthe esazimisele ebaleka wadibana nelinye igala phambi kwakhe. Walaqa-laqaza engaboni ndlela yakuphumela.






Wasuka waphethuka wabaleka akanyeka nokunyeka.

Igala lamlandela uTsutsudupa.

Yaba nguwashiywa, ithi inguTsutsudupa ibe iligala! Yayingathi badlala umasileqa leqane.





Phambili phaya esabaleka, uTsutsudupa waphinda wadibana nelinye igala linesitya sesidudu.

UTsutsudupa wakhaba isidudu sawela emzimbeni wakhe. Waqala ukusilenca kanti uzakusithanda. Amagala ema emangalisiwe ejonge uTsutsudupa ejonge nendlela azilenca ngayo isidudu.





UTsutsudupa waphumela esityeni wasela isidudu. Wayemangaliswe yindlela esasimnandi ngayo isidudu eso. Igala lasondela nalo latya esityeni. UTsutsudupa wayezilibele nokuba uyawoyika amagala ngendlela awayonwabele ngayo isidudu.

Igala noTsutsudupa batya isidudu baze bangqengqa behluthi mpu.  Ukususela loo mini, uTsutsudupa namagala aqala ubuhlobo. Bamane besabelana ngezinto abazithandayo.





Rhoqo kusasa uTsutsudupa wayesiya kutya isidudu namagala.  Ngorhatya, amagala noTsutsudupa babebukela ilanga litshona.

Aza namanye amagala ahlala noTsutsudupa. Kwakungasekho koyikana. Kwakungekho kugezelwana.

Uthando lwabo lwalumangalisa kakhulu. Iyinto entle emnandi kakhulu le yobu buhlobo butsha.

